




Kwakungentseni kwindawo ekugcinwa kuyo izilo, wayezonwabise ngokuphunga iti umgcini wezilo onguHenny.

Kwindawo yokugcina amathole ezilo afuna inyameko ekhethekileyo, ngabagcini abaqeqeshiweyo abawanonelelayo. Umlondolazi onguHenny wayelinde ukufika kukagqirha wezilo.



UGqirha Nosiso ngumxilongi wezilo zasendle. Waya kulo mzi eyokuhlola amathole amathathu aziingwenkala ezisandula ukuzalwa.

Akuba exilongiwe loo mathole aziingwenkala, umgcini Henny kunye noAnn baqalisa ukuwapha ukutya.



Ngeli xesha kwakujikeleza inqwelontaka yomzi lowo wokugcina izilo, abaqhubi bayo baphawula ukuba kukho ithole lendlovu elalithe tywa phantsi, lalingekho zingqondweni.

Abaqhubi benqwelontaka bakhwelisa uGqirha Nosiso noHenny. Babhabha nabo baya apho kwakulele elo thole lendlovu.



“Le ndlovana kufuneka isiwe kwisibhedlele sezilwanyana ngoku!” watsho uGqirha Nosiso.

Abagcini balilalisa kwinqwanqwa eli thole lendlovu. Lasiwa esibhedlele.



Lakuphuma engozini elo thole lendlovu, labuyiselwa apho kwakugcinwa izilo ezingamathole.

“Unokuba uhleli iintsuku ezininzi ungaseli nto,” watsho umgcini onguHenny esebezela elo thole lendlovu ngexa wayelityisa.



Ekuhambeni kweeveki laya likhula ithole kunjalo lisomelela.  
Laguquka laba yindlovu egezayo eyayithanda ukuhlupha  
abagcini bezilo.

UHenny ngoyena mgcini wezilo lalimthanda kakhulu!



Ngobunye ubusuku kwaziswa ngesigadla ithole lendlulamthi kulo mzi wokugcina izilo zasendle.

Bonke abagcini kwafuneka bancedisane ekushenxiseni elo thole lendlulamthi lalibuthathaka lisiwe kugcino lwalawo afuna inyameko.



UGqirha Nosiso nguye owamisela amayeza afanele le ndlulamthi.


Eli thole lalisizelwa ngumntu wonke ngoba kwakunzima nokuma ngemilenze yalo.





Ekuhambeni kweenyanga ithole lendlulamthi laya  
lisomelela kunjalo lisiba lide.

Umgcini onguHenny waqalisa ukusebenzisa ileli xa elityisa  
elo thole lalikhula.



Kwamsinyane ezo zilo zisempilweni, ziza kubuyela kumhlaba ophangaleleyo wendawo yokugcina izilo. Phofu okwangoku zisonwabele ukudlala zodwa apho kugcinwa ezo zifuna inyameko.

Zibalulekile izilo, bakwanjalo nokubaluleka abantu abazigcinayo.